



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2012

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P3
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali – 16.

ICANDELO A

IZINCOKO ZONKE MAZIBONAKALISE:

Ubuchule bokucwangcisa

- Injongo nabaphulaphuli zingqamene nenjongo yesincoko
- Ulwazi lwanele
- Ulwazi lusemholweni
- Amagama amatsha omxholo acacile
- Intshayelelo, isiqu, isiphelo
- Uhlobo lwesicwangciso olusetyenzisiweyo (imephu yengqondo...)

Isigama

- Isigama sisemholweni
- Ulwimi lucacile alujikelezi
- Isigama esikhethiweyo asiphindwa ngendlela ekruqulayo
- Upelo alulahli ntsingiselo
- Izaci namaqhalo, izafobe, izifanokuthi, izichasi ezisetyenzisiweyo zenza unambitheko kwaye zisetyenziswe ngokusemholweni.

Ubuchule bokuhlela

- Imihlathi iyalandelelana
- Izivakalisi ziziindidi ngeendidi (ezide, ezixandileyo)
- Injongo zikumgangatho ophezulu
- Akubonakali zikroba kulwazi olunikiweyo

Isimbo

Ucaphulo lwenziwe, lugqalile kwaye luboniswe ngeempawu zalo.
Imizekelo esetyenzisiweyo ibonakalisa ulwazi.
Ubonakalisa isimbo esisesakhe sokubhala.
Isimbo singqamene neenjongo zokubhala.
Iindidi ngeendidi zabaphulaphuli zithathelwa ingqalelo.

Imihlathana

- Umhlathana ngamnye unesicingo esinye.
- Izivakalisi ziyalandelelana ngendlela ebonakalisa ukunamathelana kwaye ziyazalana nomxholo womhlathi.
- Izihlanganisi zenza olu nxulumano nonamathelwano.
- Umhlathi unalo lonke ulwazi obelufuneka ukuxhasa umxholo wesincoko.
- Imihlathana mayilandelelane ngendlela eyenza ukwakhelana.
- Umbono / uluvo luxhaswa ngemizekelo.

Izivakalisi

- Mazisetyenziswe zibe ziindidi ngeendidi ngenjongo yokwenza isimbo (ezide, ezifutshane, ezimagatya, ezixandileyo).
- Mazicace, zivakale ziphelele.
- Masiqulathe umxholo omnye okanye umba omnye.
- Amagatya asetyenziswe ngokufanelekileyo.
- Isithethi okanye ijelo linye nenani labantu ekuthethwa nabo/ngabo.
- Ugxininiso lubonakaliswa ngeendlela ngeendlela ukuquka ukusetyenziswa kwemizekelo.
- Uthelekiso okanye uchaso lucace gca apho kuyimfuneko.

UMBUZO 1

- Kulindeleke ukuba umlingwa abhale isincoko esiNYE.
- Amanqaku makanikwe ngokwezimvo zomlingwa.
- Mazamkelwe izimvo ezihambelanayo nesihloko nokuba azingqinelani nezakho titshala.
- Sebenzisa isikali sokuhlola izincoko esimanqaku angama-50.

1.1 Ukutya kunendima enkulu okuyidlalayo emizimbeni yabantu. Bhala isincoko.

- Isincoko esichazayo/ esixoxayo.
- Umbhali uchaza umba othile.
- Kufuneka umfundi abe nolwazi namava ngesihloko.
- Ezi ngongoma zilandelayo yimizekelo abanokunyathela kuyo:
 - (i) Umfundi angakhankanya iindidi zokutya azaziyo.
 - (ii) Kumanqaku esiqu, umlingwa unokuveza izakha-mzimba ezifumaneka kwiindidi ngeendidi zokutya.
 - (iii) Angakhankanya inxaxheba yezi ndidi zokutya emzimbeni.
 - (iv) Angachaphazela neendlela ezahlukeyo zokutya, eziyingozi neziyimpilo.
 - (v) Eli nqaku liya kukhokelela kwisiphelo sesincoko.

[50]**OKANYE**

1.2 Nangona umthetho welizwe ubakhusela abasetyhini, basaphatheke gadalala. Bhala isincoko ubonise uluvo lwakho ngale nyewe.

- Isincoko esixoxayo sinokuchaza okanye sibe sesiqiqisayo.
- Sibhalwa kwixesha langoku.
 - (i) Umfundi unokukhankanya imithetho ekhusela amabhinqa nendlela eyophulwa ngayo.
 - (ii) Angachaphazela namasiko eentlanga ezithile avimba amabhinqa inkululeko.
 - (iii) Unokuvelela indima edlalwa ngamabhinqa ebomini beentsapho zawo nasekuhlaleni.
 - (iv) Inxaxheba yamabhinqa emisebenzini nakwezopolitiko.

[50]**OKANYE**

- 1.3 Iingozi ezimasikizi kwiindlela zeloMzantsi Afrika zehla mihla nezolo, kufa inkitha yabafundi nootitshala. Nguqulelo zini onokuzenza xa unokuba nguMphathiswa wezothutho weli.
- (i) Isincoko esichazayo, esicamngcayo, esibalisayo, esixoxayo.
 - (ii) Umfundi kufuneka aqonde, kwakhona akwazi ukucingisisa nokucamngca ngawo omabini amacala engxoxo ngendlela engathathi cala, nangendlela ebonakalisa ulwazi.
 - (iii) Okubhaliweyo kufuneka kucace, kubonakalise ingqiqo, kwakhona kubhalwe ngendlela engabonakalisi kuqhutywa luluvo lwakhe umbhali.
 - (iv) Kufuneka kunikwe iinkcazelo ezizolileyo, ezicingisiswe zaxhaswa kakuhle.
 - (v) Ithoni kufuneka ingabonakalisi kuchukumiseka, iqinisekise kodwa ibe ingazithobi.
 - (vi) Umfundi angabonisa uluvo lwakhe ekupheleni kwesincoko, oku kufuneka kwenziwe kwisiphelo sesincoko.
 - (vii) Angachaphazela umnyinge weengozi ezikwiindlela zoMzantsi Afrika.
 - (viii) Angakhankanya iingozi ezichaphazela abafundi nootitshala.
 - (ix) linguqu anokuza nazo ukutshintsha imeko ekhoyo angazichaphazela. [50]

OKANYE

- 1.4 Inqununu yethu yasibulala ngentsini kwangentseni ngaloo mini. Sakrukrutheka kwanzima nokuthandaza. Kha usityebisele ngokwenzekayo.
- (i) Ukutolika isihloko ngendlela.
 - (ii) Ukubhala intshayelelo nemiba eqiqiweyo yomxholo.
 - (iii) Angabalisa ngesiganeko apho utitshala wabo wenza/ wathetha into eyabahlekisayo.
 - (iv) Amava nemfundiso ayifumeneyo ehambelana nesi sihloko.
 - (v) Isiphelo esihambelana nesihloko. [50]

OKANYE

- 1.5 Ulutsha ngumqolo wesizwe. Bhala isincoko esingqina okanye siphikise olu luvo.
- (i) Isincoko esiqiqayo/ esixoxayo/esichazayo.
 - (ii) Utolika ngendlela isincoko.
 - (iii) Umfundi unika uluvo lwakhe ngendlela edlalwa lututsha.
 - (iv) Angavelela ukubaluleka kokukhathalela ulutsha.
 - (v) Kwingxoxo yakhe angakhankanya iinkqubo ezizizo ezinokwakha zihlumise ulutsha.

OKANYE

- 1.6 Bhala isincoko ngesihloko esithi, "Beka uyihlo nonyoko , ukuze imihla yakho yolulwe emhlabeni.
- (i) Umfundi makabonise ulwazi oluphangaleleyo ngesihloko.
 - (ii) Umfundi wesincoko usenokungabi nalwazi luthe ngqo ngesihloko, kulindeleke ukuba acacise nayiphi na imiba enokungaqheleki.
 - (iii) Masibhalwe kwixesha langoku.

- (iv) Umlingwa unokuveza ukubaluleka kokuhlonela abazali neentsikelelo ezifunyanwa ngabantwana abahlonela abazali.
- (v) Unokunika imizekelo yeziganeko zolutsha olugaxeleke ehubini okanye oluphulukene nobomi balo ngenxa yokungahloneli abadala.
- (vi) Imizekelo yabantwana abaphumeleleyo ngenxa yokululamela nokuhlonela abadala ingavelelwa. [50]
- (vii) Angeza nezisombululo zale ngxaki.

OKANYE

1.7 Naluphina uhlobo lwesincoko olutolika lo mfanekiso. Ngokujonga lo mfanekiso umlingwa anganeenkumbulo, angachulumanca kanti anganeminqweno. Umlingwa unokuchaza imizekelo exhasayo.

- Abafundi banokuthetha ngeTumente yoMbhofo yeHlabathi.
- Angabalisa ngomdlalo wombhofo.
- Usenokuthetha ngabadlali okanye impumelelo yeqela lesizwe, amaBhoko-bhoko.
- Ubuthandazwe bungakhankanywa nabo.
- Ukuzinikela nobunye.
- Naluphina uhlobo lwesincoko olutolika lo mfanekiso.
- Abalingwa bangawubona umfanekiso ngeendlela ezahlukeneyo.
- Umlingwa makaqiniseke okokuba akubhalayo kuyangqinelana nomfanekiso.
- Makaqiniseke okokuba isincoko singomfanekiso okanye akubhalayo kunxulumene nawo.
- Umvavanyi naye makaqiniseke ukuba isihloko esinikwe ngumlingwa sihamba nomfanekiso.
- Umfundi usenokuthetha ngeenkcubeko ezahlukeneyo.
- Umfundi usenokuthetha ngeenkolo ezahlukeneyo.
- Angachaphazela ukubaluleka kokuqonda nokwamkela iinkcubeko zezinye iintlanga.
- Angathetha nangelungelo nenkululeko yokuzibandakanya nenkcubeko umntu ayithandayo.
- Usenokuzithelekisa ezi nkcubeko. [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Umlingwa makaqaphele oku xa ebhala.

- (i) Ineedilesi ezimbini.
- (ii) Makuqatshelwe le miba kwimo yeleta:
 - Idilesi yombhali, nedilesi yalo mntu ubhalelwayo.
 - Idilesi mazilandelwe sisibuliso.
 - Isibuliso silandelwe ngumcimbi engawo ileta.
 - Kutsitywa umgca phakathi kwesibuliso kunye nomcimbi.
 - Emva komcimbi kulandela isiqu seleta.
- (iii) Intloko yomcimbi mayibekwe ngamagama atsalayo. Ulwimi, isimbo, ithoni, nerejista, mazifanele ileta yoburhulumente.
- (iv) Isiqu sakhiwa sibe yimihlathi.
- (v) Kwileta yakho yikhankanye iYunivesithi onqwenela ukuya kuyo nezifundo onqwenela ukuzenza.
- (vi) Ubudala bakho izifundo ozenzayo nesikolo ofunda kuso nazo ungazikhankanya.

[30]

OKANYE

2.2 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- (i) Isihloko
- (ii) Makubekwe imiba / izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo.
- (iii) Kwimizuzu kunikwa irekhodi ebhaliweyo yoko kwakugqitye kuko kwintlanganiso esele idlulile.
- (iv) Imizuzu ihambelana nezihlokwana ezikwi-ajenda.
- (v) Kubhalwa iziphakamiso kunye nezigqibo kuphela.
- (vi) Makusetyenziswe ixesha elidlulileyo xa uyibhala.
- (vii) Ukusayinwa kwemizuzu.

[30]

OKANYE

2.3 INGXELO

- (i) Ingxelo inokuba yephandayo okanye eboniweyo.
- (ii) Injongo yengxelo kukwabelana ngolwazi.
- (iii) Inxaxheba ekuthethwa ngazo mazinike abaphulaphuli ulwazi.
- (iv) Ukuze kube kulula ukuyiqonda into ekuthethwa ngayo, imiba mayibhalwe ngokweengongoma.
- (v) Ithoni yoxhomekeka kuhlobo lwengxelo.
- (vi) Makucace gca ukuba kuthethwa ngantoni kwaphaya kwisihloko sakho.

- (vii) Kusetyenziswa ingxelo-ntetho.
- (viii) Izihloko zamkelekile ukuba zisetyenziswe.
- (ix) Iinombolo zingasetyenziswa ukuze kube lula ukwenza unxibelelwano.
- (x) Mayibe nombhali wayo onegama aze ayisayine.
- (xi) Mayibe nomhla ebhalwe yasayinwa ngawo.

[30]

OKANYE

2.4 INTETHO

- (i) Umlingwa uya kuchaphazela ezi zinto zilandelayo.
 - Mayivulwe ze ivalwe ngeempawu zocaphulo.
 - Indlela aza kuthetha ngayo, wonwabile okanye ukhathazekile/ abantu oza kuthetha nabo.
 - Umhla oza kuthetha ngawo.
 - Mayibe kwixesha langoku.
 - Indawo oza kuthetha kuyo.
 - Yintoni injongo yetheko/into oza kuthetha kuyo/umcimbi oza kuthetha ngawo.
 - Ukubhalwa kwemihlathi.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Qaphela akukho manqaku anikwayo ngemizobo.

3.1 IKHADI LESIMEMO

- Ikhadi lesimemo malibe nomtsalane.
- Imifanekiso ekwisimemo mayihambelane neli theko bamenyelwa kulo abantu.
- Umhla, indawo kunye nexesha lokuqala kwetheko kubalulekile ukuba zibonakaliswe.
- Iinombolo zemfonomfono mazibekho abanokuthi abantu bazisebenzise xa bephendula okanye xa benemibandela abafuna ukucaciselwa ngayo.

[20]**OKANYE****3.2 IMEYILE**

- Umfundi ulindeleke ukuba abhale igama nedilesi ye-imeyile yalowo/abo abathumelayo umzekelo: nqununu.nobhala@DoE.com.za
- Abanye abantu ekuthunyelwa kubo xa kuyimfuneko.
- Masibhalwe isihloko somyalezo.
- Masibhalwe isibuliso.
- Umyalezo

[20]**OKANYE****3.3 IPOWUSTA**

- Okubhaliweyo makucace.
- Qaphela ukuba ujolise koobani ngale powusta.
- Makunike umdla okubhaliweyo.
- Iinkcukacha mazivelelwe zonke.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo.

[20]**AMANQAKU ECANDELO C: 20****AMANQAKU EWONKE: 100**

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IRUBRIKI YE-NCS

ICANDELO A: ISINCOKO

Iziquathiso	Khowudi 7 Balaseleyo	Khowudi 6 Mfaneleko	Khowudi 5 Enomthamo	Khowudi 4 Anele	Khowudi3 Phakathi	Khowudi 2 Buthathaka	Khowudi 1 Bubhetyebhetye
	80% – 100%	70% – 79%	60% – 69%	50% – 59%	40% – 49%	30% – 39%	00% – 29%
UYILO NOMONGO	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo. Isincoko sibonakalisa Ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqambileyo. Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile zinomdla.	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu. Isincoko sibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla zeziqinisekiso.	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esinomfaneleko esamkelekileyo. Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamatheleneyo. Isiquatho siqhelekile, sinesikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esingabekelwanga kakuhle. Isiquatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Ubungqina boyilo okanye bokucebisa ekuveliseni isincoko esibekelwe ngokutenxileyo. Isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango, uphinda-phinda nokunwenwela kude kwisihloko.
30	24 – 30	21 – 23½	18 – 20½	15 – 17½	12 – 14½	9 – 11½	0 – 8½
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenamakhwiniba ngokuphelelyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele. Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa. Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.
15	12 – 15	10½ – 11½	9 – 10	7½ – 8½	6 – 7	4 ½ – 5½	0 – 4

COGNITIVE LEVELS								PF 3			PF4			AMANQAKU EWONKE
		Literal	Inference	Reorganisation	Evaluation	Appreciation	lindidi zezincoko	GH2	GH3		GH1	GH2		
1	1.1				[50]		Esixoxayo/ esichazayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	1.2	[50]					Esixoxayo esichazayo / esicamngcayo	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	1.3		[50]				Esixoxayo esichazayo / esicamngcayo/ esibalisayo.	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	1.4				[50]		Esichazayo/ esibalisayo.	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	1.5			[50]			Esiqiqisayo/ esixoxayo/ esichazayo.	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6		1.1	2.5 2.7 2.9 2.10 2.11		
	1.6		[50]				Esiqiqisayo/ esichazayo/ esicamngcayo.	2.1 2.2 2.6	3.3 3.4 3.5 3.6					[50]
	1.7						Ezibonwayo	2.2	3.3					
	1.8						Ezibonwayo	2.2	3.3					

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekishwa izincoko:

ISIQULATHISO	AMANQAKU	ISITSHIXO															
A. UYILO NOMONGO	30	<table border="1"><thead><tr><th>A</th><th>B</th><th>C</th><th>EWONKE</th></tr></thead><tbody><tr><td>0 – 30</td><td>0 – 15</td><td>0 – 5</td><td></td></tr><tr><td>30</td><td>15</td><td>5</td><td>50</td></tr></tbody></table>				A	B	C	EWONKE	0 – 30	0 – 15	0 – 5		30	15	5	50
A	B					C	EWONKE										
0 – 30	0 – 15					0 – 5											
30	15	5	50														
B. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	15																
C. ISAKHIWO / IMO	5																
Amanqaku ewonke	50																

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Iziquathiso	Khowudi 7 Balaseleyo	Khowudi 6 Mfaneleko	Khowudi 5 Enomthamo	Khowudi 4 Anele	Khowudi3 Phakathi	Khowudi 2 Buthathaka	Khowudi 1 Bubhetyebhetye
	80% – 100%	70% – 79%	60% – 69%	50% – 59%	40% – 49%	30% – 39%	00% – 29%
UYILO UMONGO NESAKHIWO/ IMO	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo. Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iingcinga. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelisa itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla. Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene.	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi eyanelisayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu. Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile kodwa isincoko sona sinembadla.	Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo. Isiquatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene. Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelwanga kakuhle. Isiquatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Uyilo okanye ucebo alukho, itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo. Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho lunamathelwano. lingcamango uphindaphindo nokunwenwela kude kwisihloko. Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.
18	14½ – 18	13 – 14	11 – 12½	9 – 10½	7½ – 8½	5½ – 7	0 – 5
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Ittekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Ittekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu.
12	10 – 12	8½ – 9½	7½ – 8	6 – 7	5 – 5½	4 – 4½	0 – 3

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekiswa imihlathana emide:

ISIQULATHISO	AMANQAKU	ISITSHIXO											
A. UYILO NOMONGO B. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	18 12	<table border="1"> <thead> <tr> <th data-bbox="1301 363 1467 427">A</th> <th data-bbox="1467 363 1641 427">B</th> <th data-bbox="1641 363 1798 427">EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td data-bbox="1301 427 1467 491">0 – 18</td> <td data-bbox="1467 427 1641 491">0 – 12</td> <td data-bbox="1641 427 1798 491"></td> </tr> <tr> <td data-bbox="1301 491 1467 555">18</td> <td data-bbox="1467 491 1641 555">12</td> <td data-bbox="1641 491 1798 555">30</td> </tr> </tbody> </table>	A	B	EWONKE	0 – 18	0 – 12		18	12	30		
A	B	EWONKE											
0 – 18	0 – 12												
18	12	30											
Amanqaku ewonke	30												

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Iziqulathiso	Khowudi 7 Balaseleyo	Khowudi 6 Mfaneleko	Khowudi 5 Enomthamo	Khowudi 4 Anele	Khowudi 3 Phakathi	Khowudi 2 Buthathaka	Khowudi 1 Bubhetyebhetye
	80% – 100%	70% – 79%	60% – 69%	50% – 59%	40% – 49%	30% – 39%	00% – 29%
UYILO UMONGO NESAKHIWO/ IMO	Ubungqina bokuceba uyilo luvulise itekisi engenazimpazamo Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iingcinga. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	Ubungqina bokuceba uyilo luvulise itekisi engenazimpazamo kwaye bukhwelisa itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla. Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukene.	Ubungqina bokuceba uyilo luvulise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle	Ubungqina bokuceba uyilo luvulise itekisi eyanelisayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu. Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile kodwa umhlatha wona unembadla.	Ubungqina bokuceba uyilo luvulise itekisi ephakathi kwaye bukhwelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo. Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene. Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa ziyalanelwano.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelelwanga kakuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Uyilo okanye ucebo alukho, itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo. Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho lunamathelwano. lingcamango uphindaphindwo nokunwenwela kude kwisihloko. Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.
12	10 – 12	8½ – 9½	7½ – 8	6 – 7	5 – 5½	4 – 4½	0 – 3
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele. Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi. Itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa. Nangona kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo kunye nohlelo.
8	6½ – 8	6	5½	4 – 4½	3½	2½ – 3	0 – 2

QUESTIONS		COGNITIVE LEVELS						PF3			PF4		AMANQAKU EWONKE
		Literal	Inference	Reorganisation	Evaluation	Appreciation	Imihlathana emifutshane	GH1	GH2	GH3	GH1	GH2	
3	3.1		[20]				Ikhadi lesimemo	1.3 1.8	2.3 2.4 2.6	3.3 3.5	1.1	2.1 2.5 2.7 2.10	
	3.2			[20]			I-imeyile	1.3 1.8	2.2 2.3	3.3 3.5 3.8	1.1		
	3.3			[20]			Ipowusta	1.3 1.8	2.2 2.3	3.3 3.5 3.8	1.1	2.1 2.5 2.7	
	Total												[20]

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekiswa imihlathana emifutshane:

ISIQULATHISO	AMANQAKU	ISITSHIXO											
A. UYILO NOMONGO	12	<table border="1"> <thead> <tr> <th>A</th> <th>B</th> <th>EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td>0 – 12</td> <td>0 – 8</td> <td></td> </tr> <tr> <td>12</td> <td>8</td> <td>20</td> </tr> </tbody> </table>			A	B	EWONKE	0 – 12	0 – 8		12	8	20
A	B				EWONKE								
0 – 12	0 – 8												
12	8	20											
B. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	8												
Amanqaku ewonke	20												

